Ukuvuswa kukaMoses

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki: *Num. 20:1–13, Dut. 31:2, Dut. 34:4, Dut. 34:1–12, Yuda 9, 1 Kor. 15:13–22.*

Indima Yenkumbulo: **"Kanti yena uMikayeli, isiphatha-zithunywa zezulu, oko wayebambene naye uMtyholi, bebangisana ngawo umzimba kaMoses, akabanga nabunganga bakumzisela mgwebo wakunyelisa; wesuka wathi, iNKsoi mayikukhalimele!' "** *(Yuda 9)*.

Njengoko sibonile kuyo yonke ikota, uMoses ngumnt'omfayo osembindini kwiDuteronomi. Ubomi bakhe, isimilo sakhe, imiyalezo yakhe ityhutyha le ncwadi. Nangona, ewe, iDuteronomi ingoThixo nothando lwaKhe ku-'*maSirayeli*, "abantu bakaSirayeli," uThixo wasoloko esebenzisa uMoses ukutyhila olo thando nokuthetha nabantu baKhe amaSirayeli.

Ngoku, xa sifikelela ekupheleni kwekota, ukuphela kwesifundo sethu seDuteronomi, sifika kanjalo esiphelweni sobomi bukaMoses, ubuncinane ubomi bakhe apha.

Njengoko u-Ellen G. White wayichazayo: "UMoses wayesazi ukuba uzakufa eyedwa; akukho mhlobo wasemhlabeni uzakuvunyelwa ukuba amlungiselele kwiiyure zakhe zokugqibela. Kwakukho imfihlelo nokoyikeka kwesi siganeko siphambi kwakhe, esakrwaqelisa intliziyo yakhe. Olona vavanyo lunzima yayikukwahlukana kwakhe nabantu ebebekhathalele nebebathanda-abantu ekuthe umdla wakhe nobomi bakhe bamanyana nobabo. Kodwa wafunda ukuthembela kuThixo, waza ngokholo oluphelelisileyo wazinikela isiqu sakhe kunye nabantu bakhe kuthando nenceba yaKhe."— *Patriarchs and Prophets*, pp. 470, 471.

Njengoko ubomi nolungiselelo lukaMoses zazityhila okuninzi ngesimilo sikaThixo, ngoko, kukwanjalo, ukufa nokuvuka kwakhe.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha, Disemba 25.*

Isono sikaMoses: Isigaba 1

Ngokuthe gqolo, nkqu naphakathi kokreqo lwabo nokubhadula entlangu, uThixo wabaxhasa ngokumangalisayo abantwana bakaSirayeli. Oko kukuthi, nokuba babengalufanelanga kangakanani na (yaye besoloko behleli ngolo hlobo) ubabalo lukaThixo lwaphuphumela kubo. Ngokunjalo, nathi, ngoko, namhlanje, singabaxhamli bobabalo lwaKhe, nokuba asilufanelanga kangakanani na. Kakade, ibingazokuba lubabalo ukuba besilufanele, ibiyakuba lulo?

Kwaye, nangaphandle komdliva wokutya uThixo ebebabonelele ngako ngokungummangaliso entlango, enye imbonakalo yobabalo lwakhe yayingamanzi, ababenokutshabalala ngephanyazo ngaphandle kwawo, ngokukodwa kwintlango eyomileyo, eshushu, nengumqwebedu. Ethetha ngaloo mava, uPawulos wabhala wathi: "Basela bonke olo luselo lunye lulomoya. (kuba babesela kwiliwa elilelomoya elibe libalandela, iliwa elo ke lalinguye uKristu" *(1 Kor. 10:4)*. U-Ellen G. White kanjalo wongeza ngelithi "Ngalo lonke ixesha befuna amanzi kwiihambo zabo, kanye apho ezimfanteni zeliwa ayempompoza ngakwindawo abamise kuyo."—*Patriarchs and Prophets*, p. 411.

Funda: **kwiNumeri 20:1-13. Kwenzeka ntoni apha, kwaye sisiqonda njani isohlwayo sikaYehova kuMoses ngenxa yoko akwenzileyo?**

_____

_____

Kwelinye inqanaba, akunzimanga ukubona nokuqonda ukukhathazeka kukaMoses. Emva kwayo yonke into uYehova abenzele yona, imiqondiso nezimanga kunye nokukuhlangulwa ngokumangalisayo, apha, ekugqibeleni, babe kwimida yeLizwe leDinga. Emva koko-yintoni? Ngequbuliso, baphelelwe ngamanzi, baza baqalisa ukukrokrela uMoses no-Aron. Kwakungoba uYehova akakwazi kubabonelela ngamanzi ngoku, njengoko ebesoloko esenza ngaphambili? Kakade hayi; wayenako, yaye wayezakwenza njalo nangoku.

Noko kunjalo, jonga amazwi kaMoses xa ebetha ingxondorha, kude kube kabini. " 'Khanive, nina baneenkani. Sinikhuphele amanzi kule ngxondorha na? ' " *(Num. 20:10)*. Umntu angeva kuphela ukucaphuka okuselizwini lakhe, kuba uqala ngokubabiza "nina baneenkani."

Ingxaki yayi ngekho kakhulu kumsindo wakhe ngokunokwawo, owawumbi ngeyona ndlela kodwa uqondakala-kodwa xa wayesithi "*Si*nikhuphele amanzi kule ngxondorha na?' " ngokungathi yena okanye omnye umntu unako ukukhupha amanzi engxondorheni. Kumsindo wakhe, wabonakala eyilibele ngelo xesha eyokuba kuphela ngamandla kaThixo, asebenza phakathi kwabo, anokwenza ummangaliso onjalo. Yena, kunabo bonke abantu, wayefanelwe kukukwazi oko.

Kukangaphi sithetha okanye sisenza izinto ngokudlabhuka komsindo, nkqu nokuba sikholelwa ukuba umsindo lowo uyathetheleleka? Singafunda njani ukuyeka, sithandaze, size sifune amandla kaThixo okuthetha nokwenza okulungileyo ngaphambi kokuba sithethe yaye senze okungalunganga endaweni yoko?

Isono sikaMoses: Isigaba 2

Funda: kwakhona kwiNumeri 20:12, 13. Sizathu sini esitsolileyo uYehova awasinika uMoses sokuba angakwazi ukuwelela ngenxa yoko wakwenzayo? Bona kanjalo kwiDuteronomi 31:2 noDuteronomi 34:4.

_____

_____

Ngokwa lendima, kwakukhona okunye kwisono sikaMoses ngaphezu kwelinge lakhe nje lokuthatha indawo kaThixo, nto leyo yayimbi ngokwaneleyo. Wabonakalisa kanjalo ukungabi nakholo, nto leyo, kumntu ofana noMoses, engenakuthetheleleka. Kakade, le yindoda eyathi, ukususela kwityholo elivuthayo *(Eksod. 3:2–16)* ukubheka phambili, yanamava noThixo ngokungafaniyo nenkoliso yabantu, noko kunjalo, ngokwale ndima uMoses "akakholwanga kum," oko kukuthi, uMoses wabonakalalisa ukungabi nakholo koko uYehova wayekuthetheli, waza ngenxa yoko wasilela "ukundizukisa," phambi kwabantwana bakaSirayeli. Ngamanye amazwi, ukuba uMoses wayekwazile ukuzibamba wenza into elungileyo ngokubonakalisa olwakhe ukholo nokuthemba kwakhe uThixo phakathi kokreqo lwabo, ngewayemzukisile uYehova phambi kwabantu waza, kwakhona, wangumzekelo kubo wento oluyiyo ukholo lokwenene nentobelo.

Qaphela, kanjalo, indlela uMoses angayithobelanga ngayo into uYehova ebemxelele ngqo ukuba ayenze.

Funda: kwiNumberi 20:8. UYehova wamxelela ukuba makenze ntoni uMoses, kodwa wenza ntoni uMoses endaweni yoko? *(Num. 20:9–11)*?

_____

_____

Indima yesithoba inoMoses ethatha intonga njengoko "uYehova ebemwisele umthetho." Okwa ngoku, kusekuhle. Kodwa kwindima ye-10, endaweni yokuthetha nengxondorha, nalapho ayezakuphuma khona amanzi njengembonakaliso ekhwankqisayo yamandla kaThixo-uMoses wayibetha, hayi kanye kodwa kabini. Ewe, ukubetha ingxondorha kuze kuphume amanzi kuyo kwakumangalisa, kodwa ngokuqinisekileyo kwakungamangalisi njengokuthetha nayo kuphela uze ubone kwale nto inye isenzeka.

Ngokuqinisekileyo, ngaphandle kwakunokubonakala ngathi isigwebo sikaThixo ngakuMoses sibaxekile: kakade, emva kwento yonke uMoses athubeleze kuyo, wayengazokuvunyelwa ukuba awelele kwiLizwe leDinga. Ngalo lonke ixesha eli bali libaliswa, abantu baba nomnqa woba kutheni-ngenxa yesenzo esinye sokungxama-into ekukudala eyilindele ixesha elide kangako eyalelwa.

Sifundo sini ocinga ukuba abantwana bakaSirayeli kwakufanele besifundile ngenxa yoko kwenzeka kuMoses?

Ukufa kukaMoses

Usizana olunguMoses! Esuka kude kangaka, ethubeleze kwizinto ezininzi, suka waphoswa kukuzalisekiswa kwedinga elalenziwe ku-Abram kwiinkulungwane ezininzi ezadlulayo: " 'Imbewu yakho ndiya kuyinika eli lizwe' " *(Gen. 12:7)*.

Funda: kwiDuteronomi 34:1-12. Kwenzeka ntoni kuMoses, kwaye wathetha ntoni uYehova ngaye nto leyo eyabonakalisa ukuba yindoda ekhethekileyo kwakhe?

_____

_____

"Bucala uMoses wabukhangela ubomi bakhe bamahla-ndenyuka neenzima susela mhla washiya iimbeko zasebhotwe nobukumkani obuzayo eYiputa, wakhetha iqashiso nabantu bakaThixo abonyuliweyo. Wakhumbula loo mtyangampo weminyakha entlango kunye nemihlambi kaYitro, ukubonakala kwesiThunywa kwityholo elivuthayo, nobizo lwakhe lokuhlangula uSirayeli. Kwakhona wabona imimangaliso emikhulu yamandla kaThixo ibonakaliswa ngenxa yabantu abonyuliweyo, kunye nomonde wenceba ngexesha leminyaka yokubhadula kwabo nokuvukela. Bengakunanzanga konke uThixo akwenzileyo ngenxa yabo, bengayinanzanga imithandazo nemisebenzi yakhe, kuphela babini kubantu abakhulu kolo gxudululu lomkhosi lwalushiye iYiputa abafunyanwa bethembeke ngeyona ndlela uba bangangena kwiLizwe leDinga. Uthe uMoses xa eqwalasela iziphumo zemisebenzi yakhe, ubomi bakhe bokuvavanywa nokuzinikela kwabonakala ngathi bumke namanzi."—Ellen G. White, *Patriarchs and Prophets*, pp. 471, 472.

IDuteronomi 34:4 ithetha into enika umdla kakhulu. "Lilo eli ilizwe endafunga ngalo koo-Abraham, no-Isake, noYakobi, ndisithi, " 'Ndiya kulinika imbewu yakho." ' " UYehova wayesebenzisa intetho ephantse ifane twatse naleyo wayethe gqolo ukuyithetha kumanyange nakubantwana bawo, ngokubanika eli lizwe. Ngoku wayeyiphinda kuMoses.

UYehova kanjalo wathetha oku " 'Ndikukhangelise ngamehlo, ke akuyi kuwela uye kulo' " *(Dut. 34:4, Kuveliswa ugxininiso)*. Akukho ndlela yokuba uMoses, emi kwindawo awayemi kuyo, wakubona ngeliso lesiqhelo konke oko uYehova wamkhombisa kona-ukusuka kwaMowabhi ukuya kwaDan ukuya kwaNafetali, nakwezinye. U-Ellen G. White wayicacisa: yayi yintyilelo engaphezu kobuntu, hayi nje kuphela eyelizwe, kodwa neyendlela eliyakuba yiyo emva koba belihluthile.

Kwelinye icala, ingaphantse ibe ngathi uYehova wayemqhula (wayemkhathaza) uMoses, emxelela kabukhali: *Ubufanele ukuba ulapha xa ubundithobele njengoko ubafanele ukwenza*, okanye into efana naleyo. Endaweni yoko, uYehova wayebonisa uMoses ukuba phakathi kwento yonke, nkqu naphakathi kwesiphoso sikaMoses, uThixo wayezakuthembeka kumadinga omnqophiso awayewenze nooyise kunye noSirayeli ngokwakhe. Njengoko sizakubona, kwakhona, uYehova wayenento engcono awayeyiqhushekele umkhonzi waKhe othembekileyo kodwa enamakhwiniba.

Ukuvuswa kukaMoses

"Wafela khona uMoses, umkhonzi kaYehova, ezweni lakwaMowabhi, ngokomlomo kaYehova. Wamngcwabela emfuleni, ezweni lakwaMowabhi, malungana neBhete-pehore. Akukho bani ulaziyo ingcwaba lakhe unanamhla" *(Dut. 34:5, 6)*. Ngoko ke, ngezi ndima zimbalwa, uMoses-obebaluleke ngeyona ndlela kubomi bukaSirayeli, indoda embhalo wayo usaphilayo, hayi nje kuphela kuSirayeli kodwa nkqu kwibandla nakwindlu yesikhungu namhla, kanjalo-wafa.

UMoses wafa, wangcwatywa, abantu balila, kwaba kanti kuphelele. Ngokuqinisekileyo, imfundiso yamazwi eSityhilelo iyasebenza apha: " 'Banoyolo abafi, abo bafela eNkosini, kuthabathela apha.' " 'ewe,' " utsho uMoya, " 'ukuba baphumle ekubulalekeni kwabo. imisebenzi yabo ke ilandelana nabo' " *(IsiTyhi. 14:13)*.

Noko kunjalo, ukufa kukaMoses kwakungesosahluko sokugqibela kwimbali yobomi bukaMoses.

Funda: kuYuda 9. Kwenzeka ntoni apha, kwaye le ndima inceda njani ukunceda ukucacisa ukuvela kukaMoses kamva kwiTestamente eNtsha?

_____

_____

Nangona sikrotyiswe nje kuphela, sisiganeko esinika umdla esi sidandalaziswe apha. UMikayeli, uKristu ngokwaKhe, wabangisana nongendawo ngomzimba kaMoses. Babangisana ngawo njani? Akuthandabuzeki ukuba uMoses wayengumoni; ngokwenene, isono sakhe sokugqibela esaziwayo, ukuthathela kuye uzuko lukaThixo, yaba luhlobo olunye lwesono-" 'Ndiya kunyuka ngaphezu kweziganga zamafu, ndizifanise nOsenyangweni' " *(Isa. 14:14)*—oko kwabangela uKhwezi ngokwakhe agxothwe kwasekuqala. Ukubangisana ngomzimba wakhe makube kwaku ngenxa yokuba uKristu ngoku wayebanga ngenxa kaMoses uvuko ekuthenjiswe ngalo.

Kodwa uKristu angakwenza njani oko ngenxa yomoni, uMoses, umntu owophule umthetho waKhe? Impendulo, eneneni, inokuba ngumnqamlezo kuphela. Kwanjengokuba onke amadini ezilwanyana ayesalatha ekufeni kukaKristu, ngokuqinisekileyo ngoku iNkosi ngoku, ikhangele phambili emnqamlezweni, yawubanga umzimba kaMoses ukuba uvuswe. "Ngenxa yemiphumela yesono uMoses waba phantsi kwegunya likaSathana. Ngokomfaneleko wakhe wayengumthinjwa wokufa osemthethweni; kodwa wavuselwa kubomi obungunaphakade, ebambe igama lakhe kwigama loMkhululi. UMoses waphuma engcwabeni ezukisiwe, waza wenyuka noMhlanguli wakhe ukusinga kwiMzi kaThixo."—Ellen G. White, *Patriarchs and Prophets*, p. 479.

Le ngxelo kaMoses isinceda njani ukuqonda ubunzulu becebo losindiso, yokuba nkqu kwangaphambi komnqamlezo uMoses avuselwe kukungafi?

Ukuvuswa Kwethu Sonke

Kakade, ngokukhanya okongezelekileyo kweTestamente eNtsha, ukuthintelwa kukaMoses kwiLizwe leDinga akukhangeleki kakhulu ngathi sisohlwayo. Endaweni yeKanana yasemhlabeni ize kamva ibe yiYerusalemi yomhlaba (ethe ngenxa yembali yayo eyaziwayo yayindawo yemfazwe, uloyiyo, nenkxwaleko), "iYerusalem yasemazulwini" *(Heb. 12:22)* ngoku, kanye ngoku, likhaya lakhe. Indawo engcono kakhulu yokuhla, ngokuqinisekileyo!

UMoses waba ngumzekelo wokuqala owaziwayo eBhayibhile wokuvuswa kwabafileleyo. UEnoch wasiwa ezulwini engabonanga kufa *(Gen. 5:24)*, waza u-Eliya, naye *(2 Kumkani 2:11)*, kodwa ngokuhambisa kwengxelo ebhaliweyo, uMoses waba ngowokuqala ukuvuselwa kubomi obungunaphakade.

Ubungakanani bexesha uMoses alilele emhlabeni asibazi, kodwa ngokwakuye, zange bube namsebenzi. Wavala amehlo akhe ekufeni, yaye nokuba yaba ziyure ezintathu okanye iminyaka engama-300, kuye kwakufana. Kanjalo yinto enye kubo bonke abafileyo kuyo yonke imbali; amava abo, ubuncinane ngokuphathelele ekufeni, awokwahluka kwakaMoses. Sivala amehlo ethu ekufeni, ize into elandelayo esiyaziyo ibe kukuBuya kwesiBini kukaYesu okanye, ngelishwa, umgwebo wokugqibela. *(bona kwiSiTyhi. 20:7–15)*.

Funda: **ku- 1 Korinte 15:13–22. Dinga lini elikhulu elifumaneka apha, yaye kutheni le nto amazwi kaPawulos evakala kuphela xa siqonda ukuba abafileyo balele kuKristu de ibe luvuko?**

_____

_____

Ngaphandle kwethemba lovuko, asinathemba konke konke. Ukuvuka kukaKristu sisiqinisekiso kokwethu; "esihlambulule ezonweni" *(Heb. 1:3)* emnqamlezweni njengeMvana yedini, uKristu wafa wabuya wavuka kwelabafileyo, kwaye ngenxa yovuko lwaKhe sinengqiniseko ngolwethu, uMoses engumzekelo wokuqala womntu owileyo evuswa kwabafileyo. Kanjalo, ngenxa yoko uKristu aya kukwenza, uMoses wavuswa; yaye ngenxa yoko uKristu akwenzileyo, nathi, ngokunjalo, sakuvuswa.

Ngoko ke, singafumana kuMoses umzekelo wosindiso ngokholo, ukholo olubonakaliswe kubomi bokuthembeka nokukholosa ngoThixo, nokuba wagqwidiza ekugqibeleni. Kwaye kuyo yonke incwadi yeDuteronomi, singambona uMoses ezama ukubizela abantu kukuthembeka okufanayo, ukusabela okufanayo kubabalo abalinikwayo njengoko silunikiwe nathi, thina, kanjalo, basemideni yeLizwe leDinga.

UThixo, lo Thixo mnye, akasibizeli nathi ekuthembekeni, kanjalo? Singenza ntoni ukuqiniseka ukuba asenzi iimpazamo uMoses awalumkisa ngazo kwiDuteronomi?

Ingcamango Eyongeziweyo: "Xa ngokucaphukayo badandulukayo, 'Sinikhuphele amanzi kule ngxondorha na?' bazibeka endaweni kaThixo, ngokungathi amandla akubo, abantu abanobuthathaka neentshisakalo. Edinwe kukukrokra okuthe gqolo nokuvukela kwabantu, uMoses waphulukana noMncedi wakhe onobuNgangamsha, waza engenamandla angcwele wayekwa ukuba angcolise ingxelo yakhe ngokubonakalisa ubuthathaka bomntu. Indoda ekwakufanele ukuba ime nyulu, nkqi, nangokungazicingeli kude kube sekupheleni komsebenzi wakhe yoyisakala ekugqibeleni. UThixo wahlanjelwa phambi kwebandla likaSirayeli, xa kanye kwakufanele ukuba wenziwe mkhulu waphakanyiswa."—Ellen G. White, *Patriarchs and Prophets*, p. 418.

"Kwintaba yokwenziwa kumila kumbi uMoses wayekunye no-Eliya, owayenyuselwe emazulwini. Bathunyelwa njengabathwali-kukhanya nobuqaqawuli obuvela kuYise busiya kuNyana waKhe. Kwaye ngalo ndlela umthandazo kaMoses, owenziwa kwintlaninge yeenkulungwane ngaphambili, ekugqibeleni wazalisekiswa. Wema kuloo 'ntaba intle,' ngaphathi kwilifa labantu bakhe, ethwele ubungqina baLowo ayegxunyekwe kuye onke amadinga kaSirayeli. Sinjalo isiganeko esityhiliweyo kwiliso lomntu kwimbali yalo ndoda yayibekeke ngeyona ndlela eZulwini."—Iphepha 479.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1 Kwelinye icala, ewe, uMoses wavuswa wasiwa ezulwini kungekudala emva kokufa kwakhe. Kodwa kwangaxesha nye, usizi olunguMoses (siyazicingela) kufuneka lubukele ubutyobo bezinto apha. Sinethamsanqa ngeyona ndlela kuba inkoliso yethu iyakuvuswa emva kokuphela kwayo yonke inzima esemhlabeni kanye ngaphambi kokuBuya kwesiBini. Kungaziphi iindlela okuthi oku, ngoko, kube yintsikelelo encamisileyo kunamava kaMoses?

2 Ibali lokufa kukaMoses nokuvuswa kwakhe kamva lisibonisa njani indlela iTestamente eNtsha, nangona isekelwe kwiTestamente eNdala, esibhekisa phambili ngayo kuneTestamente eNdala ize ngokwenene izise ukukhanya okutsha okuthe kratya kuyo?

3 Ibali lobomi bukaMoses, kuquka nokubetha kwakhe ingxondorha ngokudlabhuka komsindo, lingumzekelo njani wento okuyiyo ukuphila ngokholo nokusindiswa ngokholo, kungengamisebenzi yamthetho?

4 Eklasini, xoxani ngedinga lovuko ekupheleni kwexesha. Kutheni le nto oku kungundoqo kuwo onke amathemba ethu? Kanjalo, ukuba singamthemba uThixo koku, oko kukuthi, ekusivuseni ekufeni, asimele kukwazi ukumthemba kwinto yonke engenye? Kakade, ukuba unokusenzela oko, yintoni angenako ukuyenza?